

DEPARTMENT OF WATER AND SANITATION

NO. 6559

29 August 2025

NATIONAL WATER ACT, 1998

**RESERVE DETERMINATION FOR WATER RESOURCES OF THE BERG CATCHMENT IN
THE BERG-OLIFANTS WATER MANAGEMENT AREA**

I, Pemmy Castelina Pamela Majodina, Minister of Water and Sanitation, in terms of section 16(1) and (2) of the National Water Act, 1998 (Act No. 36 of 1998) hereby determine the Reserve for water resources for the Berg catchment in the Berg-Olifants Water Management Area, as set out in the Schedule.



MS PEMMY C.P. MAJODINA, MP**MINISTER OF WATER AND SANITATION****DATE:** 05 - 08 - 2025

SCHEDULE

RESERVE DETERMINATION FOR WATER RESOURCES OF THE BERG CATCHMENT IN THE BERG-OLIFANTS WATER MANAGEMENT AREA

1. DESCRIPTION OF WATER RESOURCE

- (1) The Reserve is determined for all or part of every significant water resource within the Berg catchment, as set out below:

Water Management Area:	Berg-Olifants
Drainage Regions:	G1 and G2 secondary drainage regions including G30A and G40A quaternary catchments.
River(s):	The Berg River is the largest river in the study area, which also includes several smaller catchments within the City of Cape Town Metropolitan area such as the Diep, Kuils, Eerste, Lourens, Sir Lowry's, Steenbras, as well as various small catchments on the Cape Peninsula and along the West Coast.
Groundwater Resource:	Adamboerskraal, Atlantis, Cape Flats, Cape Units Peninsula, Cape Town Rim, Darling, Drakensteinberge, Eendekuil Basin, Elandsfontein, Groot Winterhoek, Langebaan Road, Malmesbury, Middle-Lower Berg, Northern Swartland, Paarl-Franschhoek, Piketberg, Steenbras-Nuweberg, Stellenbosch-Helderberg, Tulbagh, Voëlvlei-Slanghoek, Vredenburg, Wellington, Wemmershoek, Witzenberg, Yzerfontein.

- (2) The Reserve is hereby determined for all, or part of the water resource referred to in sub-paragraph (1), which classes have been determined in Government Notice No. 43872 of 06 November 2020.

2. ACRONYMS AND DEFINITIONS

2.1 Acronyms used in Annexure B

BHN	Basic Human Needs
EIS	Ecological Importance and Sensitivity
EWB	Ecological Water Requirements
GRUs	Groundwater Resource Units
MCM	Million Cubic Metres
NMAR	Natural Mean Annual Runoff
PES	Present Ecological Status
REC	Recommended Ecological Category
TPC	Threshold of Potential Concerns

CONTINUES ON PAGE 386 OF BOOK 4

Printed by and obtainable from the Government Printer, Bosman Street, Private Bag X85, Pretoria, 0001
Contact Centre Tel: 012-748 6200. eMail: info.egazette@gpw.gov.za
Publications: Tel: (012) 748 6053, 748 6061, 748 6065



Government Gazette Staatskoerant

REPUBLIC OF SOUTH AFRICA
REPUBLIEK VAN SUID AFRIKA

Vol. 722

29

August
Augustus

2025

No. 53243

PART 4 OF 4

N.B. The Government Printing Works will not be held responsible for the quality of "Hard Copies" or "Electronic Files" submitted for publication purposes

ISSN 1682-5845



9 771682 584003

5 3 2 4 3



AIDS HELPLINE: 0800-0123-22 Prevention is the cure

2.2.1 Definitions

In this Notice unless the context indicates otherwise –

“baseflow” means sustained low flow in rivers during dry or fair-weather conditions, potentially including contributions from delayed interflow and groundwater discharge, but not solely reliant on groundwater;

“Ecological Water Requirements” means the necessary flow patterns (magnitude, timing, and duration) and water quality to maintain a riverine ecosystem. This term encompasses both quantity and quality considerations;

“Groundwater Resource Unit” means the smallest groundwater delineation unit based on similar hydrogeologic characteristics, demarcated for management purposes;

“groundwater contribution to Basic Human Needs” means the groundwater component considered in calculating Basic Human Needs supply for individuals living beyond 500 meters from a perennial river, meeting a daily water demand of 25 l/p/d;

“groundwater contribution to Ecological Water Requirements” means the groundwater contribution to Ecological Water Requirements determined using a baseflow separation technique with monthly flow data. This data is adjusted to match Target Ecological Categories for all river nodes and priority estuaries, considering both incremental and cumulative downstream flow;

“recharge” means the addition of water to the zone of saturation facilitated by precipitation percolation and surface water infiltration;

“the Act” means the National Water Act, 1998 (Act No. 36 of 1998).

3. COMMENCEMENT

The Reserve determinations contained in this Notice take effect on the date of publication of this Notice. The Annexure to this Notice containing the Reserve for the Berg catchment can be accessed from:

<https://www.dws.gov.za/wem/currentstudies/gazettedreserves.aspx>

or requested from

Director: Reserve Determination
Attention: Mr Yakeen Atwaru
Ndinaye Building
Private Bag X313
PRETORIA
0001
Email: atwaruy@dws.gov.za

ISAZISO SIKARHULUMENTE

ISEBE LEZAMANZI NOGUTYULO**UMTHETHO WAMANZI WESIZWE, 1998****UHLELO LWEMISELE YAMANZI KWINDOWO YOBONISELO NGAMANZI I-BERG
KUMMANDLA WOLAWULO LWAMANZI I-BERG-OLIFANTS**

Mna, Pemmy Castelina Pamela Majodina, uMphathiswa wezaManzi noGutyulo, ngokwemiqathango yesiqendu 16(1) no- (2) yoMthetho waManzi weSizwe, ka1998 (Mthetho No. 36 ka1998) ndiqingqa amahlelo emisele yamanzi kwindawo yobonisele ngamanzi i- Berg kuMmandla woLawulo lwaManzi i-Berg-Olifants, njengoko kubhaliwe kule Shedyuli ilandelayo.



MS PEMMY C.P. MAJODINA, MP
UMPHATHISWA WESEBE LEZAMANZI NOGUTYULO
UMHLA: 06-08-2025

ISHEDYULI**UHLELO LWEMISELE YAMANZI KWINDOWO YOBONISELO NGAMANZI I-BERG KUMMANDLA WOLAWULO LWAMANZI I-BERG-OLIFANTS****1. INKCAZO YOMSELE WAMANZI**

- (1) Amahlelo aqingqelwa yonke imisele yamanzi ewela phakathi kwindawo yobonisele ngamanzi i- Berg, njengoko kubonisiwe apha ngezantsi:

UMmandla woLawulo lwaManzi:

I-Berg-Olifants

Ingingqi yoFunxo:

linginngqi zofunxo ezilawulwayo, u-G1 no-G2 – oko kuquka iindawo zobonisele u-G30A no-G40A ezime ngobune bazo.

Imilambo:

Umlambo i-Berg ngoyena mlambo mkhulu kummandla wophando, apho uquka nezinye iindawana zobonisele eziliqela phakathi kummandla kaMasipala oMbaxa osiSixeko saseKapa – njenge-Diep, i-Kuils, i-Eerste, i-Lourens, i-Sir Lowry's, Steenbras, ndawonye neendawana zobonisele eziliqela kwiPeninsula yaseKapa nangakuNxweme lwaseNtshona.

UMsele waManzi
angaphantsi komhlaba:

I-Adamboerskraal, i-Atlantis, ii-Cape Flats, iPeninsula yee-Yunithi zaseKapa, i-Cape Town Rim, i-Darling, i-Drakensteinberge, i-Eendekuil i-Basin, i-Elandsfontein, i-Groot Winterhoek, indlela i-Langebaan, i-Malmesbury, i-Middle-Lower Berg, i-Northern Swartland, i-Paarl-Franschhoek, i-Piketberg, i-Steenbras-Nuweberg, i-Stellenbosch-Helderberg, i-Tulbagh, i-Voëlville-Slanghoek, i-Vredenburg, i-Wellington, i-Wemmershoek, i-Witzenberg, i-Yzerfontein.

- (2) AmaHlelo aqingqelwa yonke imisele, okanye indawana nje yayo ekuthethwe ngayo kumhlathana (1), mahlelo lawo angqingqiweyo kwiSaziso sikaRhulumente esinguNo. 43872 somhla we- 06 Nkanga ku2020.

2. IZISHUNQULELO NEENKCAZO ACROYNMS

2.1 Izishunqulelo ezisetyenzisiweyo kwiSihlomelelo B

BHN	Basic Human Needs – limfuno zoluntu ezisisiseko
EIS	Ecological Importance and Sensitivity- Ukubaluleka kwendawo yokuphilisana nemvakalelo
EWR	Ecological Water Requirements – limfuno zamanzi kwindawo yokuphilisana
GRUs	Groundwater Resource Units – liyunithi zemisele yamanzi angaphantsi komhlaba
MCM	Million Cubic Metres – ii- Million Cubic Metres
NMAR	Natural Mean Annual Runoff – Amanzi emvula endalo ngobuncikane
PES	Present Ecological Status – Isimo sangoku sendawo yokuphilisana
REC	Recommended Ecological Category – Ibakala lendawo yokuphilisana elindululwayo
TPC	Threshold of Potential Concerns - Umyinge weenkathazo ezinokuvela

2.2 Iinkcazo

Kwesi Saziso (ngaphandle kokuba imeko ibonisa ngolunye uhlobo) –

“baseflow – amanzi abetha ezantsi” uthetha ukuba amanzi ahamba kancinci emlanjeni kangangexesha elide ngamathuba eemeko zokoma nokutyhila kwemzulu, apho kusenokubakho igalelo lamanzi abambezelekileyo angena emlanjeni nasekutsitseni kwamanzi angaphantsi komhlaba (kodwa ke oko kungaxhomekekanga kuphela kumanzi angaphantsi komhlaba;

“Ecological Water Requirements- limfuno zamanzi kwiindawo zokuphilisana” uthethetha izimbo eziyimfuneko zokubetha kwamanzi means (ubuninzi, ixesha, nethuba alithathayo) kunye nekwali yamanzi eya kugcina impilo yasemanzini. Esi sigama siquka iingcamango ngomthamo nekwali yamanzi;

“Groundwater Resource Unit – Iyunithi yomsele wamanzi angaphantsi komhlaba” uthetha iyuniti yokubonakala kwamanzi angaphantsi komhlaba, oko kuxhomekeke kwiimpawu ezibufana zobumanzi nobume bomhlaba, owahlulwe ngeenjongo zolawulo lwawo;

“groundwater contribution to Basic Human Needs – igalelo lamanzi angaphantsi komhlaba kwiimfuno ezisisiseko zomntu” uthetha ibakala lamanzi angaphantsi komhlaba elingqalwayo xa kubalwa uhanjiso lweemfuno ezisisiseko zomntu ezikhutshelwa iqaqobana labantu abahlala ngaphaya komgama oyi- 500 meters ukusuka kumlambo from a perennial river, apho zihlangabezana nemfuno yamanzi yemihla ngemihla engu- 25 l/p/d;

“groundwater contribution to Ecological Water Requirements – Igalelo lamanzi angaphantsi komhlaba kwiimfuno zamanzi kwiindawo zokuphilisana” uthetha igalelo lamanzi angaphantsi komhlaba kwiimfuno zamanzi kwiindawo zokuphilisana eziqingqwa ngokuthi kusetyenziswe iqhinga lokwahlula amanzi ahamba kancinci neenkukacha zokuhamba kwamanzi ngenyanga. Ezi nkukacha ziyalungelelaniswa khonukuze zihambelane namabakala angqaliweyo eendawo zokuphilisana kuzo zonke iindibano

zemilambo nemiwonyo yongxamiseko, apho kungqalwa ukuhamba kwamanzi ngendlela eyandayo neziphindaphindayo;

“recharge - Vuselela” uthetha ukongezwa kwamanzi kumda owomileyo obangelwa nga manzi alahleka ngokunyuka komphunga nangokufunxwa kwawo ngumhlaba;

“the Act - UMthetho” uthetha uMthetho waManzi weSizwe, ka1998 (uMthetho No. 36 ka1998).

3. UKUQALA KOKUSEBENZA KWAMAHLELO AQINGQIWEYO

Amahlelo aqingqiweyo emisele aqulathwe kwesi Saziso aza kuqala ukusebenza ngomhla woshicilelo lwesi Saziso. ISihlomelelo sesi Saziso esiqulathe aMahlelo aqingqelwe indawo yoboniselo ngamanzi i-Berg ayafumaneka kwesi sikhundla: :

<https://www.dws.gov.za/wem/currentstudies/gazettedreserves.aspx>

okanye ke singacelwa kuMphathi kwezi nkcukacha zilandelayo:

Director: Reserve Determination
Attention: Mr Yakeen Atwaru
Ndinaye Building
Private Bag X313
PRETORIA
0001
Email: atwaruy@dws.gov.za

4. UQINGQO LWAMAHLELO EMISELE

- (1) Ibakala lomthamo wamanzi angaphantsi komhlaba, eliquka igalelo lamanzi angaphantsi komhlaba kwiifundo zamanzi kwiindawo zokuphilisana (i-Ecological Water Requirement (EWR) nomsele weemfuno ezisisiseko zomntu (i- Basic Human Needs Reserve (BHN) ngeYunithi nganye yomsele wamanzi angaphantsi komhlaba (i-Groundwater Resource Unit (GRU) kwindawo yoboniselo ngamanzi i-Berg lixeliwe **kuTafale 5.1**.
- (2) Ibakala lekwaliti yamanzi angaphantsi komhlaba, eliquka iifundo zekwaliti yamanzi angaphantsi komhlaba ne-BHN ngeYunithi nganye yomsele wamanzi angaphantsi komhlaba (i-Groundwater Resource Unit (GRU) lixeliwe **kuTafale 6.2**.
- (3) Amahlelo aqingqiweyo ngebakala lomthamo wemilambo ekwindawo yoboniselo i-Berg, oko kuquka i- EWR ne- BHN, axeliwe **kuTafale 7.1**.
- (4) Amahlelo aqingqiweyo ngebakala lekwaliti yemilambo ekwizikhundla ze- EWR kwindawo yoboniselo ngamanzi i- Berg ixeliwe **kuTafale 8.1**.
- (5) Iimfuno zamanzi kwiindawo zokuphilisana kwimiwonyo ekwindawo yoboniselo i- Berg zixeliwe **kuTafale 9.1**. Iimfuno zamanzi kwiindawo zokuphilisana kwimiwonyo yongxamiseko zixeliwe **kuTafale 9.2**. Iinqobo zovavanyo zeendawo zokuphilisana kunye nomda weenkathazo ezisenokuvela (ii-Potential Concerns (TPC) zixeliwe **kooTafale 10.1 – 10.8**.
- (6) Isishwankathelo sesimo sangoku sendawo yokuphilisana (i-Present Ecological State (PES) nebakala elindululwayo lendawo yokuphilisana (i-Recommended Ecological Category (REC) kwimiwonyo echongiweyo ixeliwe **kuTafale 11.1**.